PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA ULUVO LWAKHO

UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WOTHUTHO LWEZENDLELA LWESIZWE [B 7 – 2016]

Isimemo sokuba uluntu lungenise ezinye iziphakamiso

IKomiti yeMicimbi yeSebe yezoThutho imema abantu abanomdla kunye nabo bachaphazelekayo ukuba bangenise ezinye izimvo ezibhaliweyo malunga noMthetho-sihlomelo oYilwayo woThutho lwezeNdlela lweSizwe [B 7 - 2016] ngokunxulumene nezihlomelo ezicetywayo ezinabela ngaphaya komhlaba walo Mthetho uYilwayo.

Lo Mthetho uYilwayo waye wabhekiswa kwiKomiti ngomhla we-15 kuTshazimpuzi 2016. IKomiti yaye yabamba iindibano zoluntu zovakaliso-zimvo yaze yaqwalasela izihlomelo ekwaphakanyiswa ukuba zenziwe kulo Mthetho uYilwayo. Ngexa uphanda malunga nomxholo walo Mthetho uYilwayo nangexesha ziqhuba iindibano zoluntu zovakaliso-zimvo iKomiti yaye yaqaphela ukuba kuyimfuneko ukuba kufakelwe izihlomelo kwezinye izibonelelo zoMthetho oyintloko ezazingaqukwanga kuMthetho oYilwayo, yaye kwakhona kolulwe inkqubo yokubonisana noluntu malunga nala masolotya matsha.

Izihlomelo ezitsha, ngalo mzuzu ezingekhoyo kuMthetho-sihlomelo oYilwayo woThutho lwezeNdlela lweSizwe [B 7-2016] phakathi kwezinye izinto, uya kuquka ukufakelwa kwamasolotya kulo Mthetho uYilwayo nto leyo eya kuvumela ukuba imithetho yamaphondo imisele igunyabantu lezothutho lephondo.

Kucelwa izimvo ezibhaliweyo malunga nezihlomelo ezicetywayo ezifumaneka kwiwebhusayithi yasePalamente ethi **www.parliament.gov.za.**

Imibuzo, kwakunye neziphakamiso ezibhaliweyo, zingathunyelwa kwiKomiti yeMicimbi yeSebe yezoThutho, zichazwe njengezijoliswe ku **Valerie Carelse** kule dilesi, 3rd floor, W/S 3/79, 90 Plein Street, Cape Town, 8001, okanye zithunyelwe ngeimeyile ku **vcarelse@parliament.gov.za.** Ngaphandle kweziphakamiso ezibhaliweyo, nceda ubonakalise umdla wakho wokunika ingcaciso yomlomo kule Komiti.

Usuku lokuvala leziphakamiso ezibhaliweyo ngumhla we-17 kweyeNkanga 2017.

Iikopi zezihlomelo ezicetywayo kunye nezoMthetho woThutho lwezeNdlela lweSizwe, wowama-2009 (uMthetho onguNomb. 5 wowama-2009) zingafunyanwa ku **Valerie Carelse** kule nombolo yomnxeba: **021-403 3272**, yeselfowni **083 709 8445** okanye kule webhusayithi **www.parliament.gov.za.**

Sikhutshwe nguNks DP Magadzi, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti yeMicimbi yeSebe yezoThutho.

Parliament. Making Democracy Work